Isifundo 2

**Januwari 5–11*

Phakathi Kweziphatho Zezibane

Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:
IsiTy. 1:9–18; IZenzo 7:54–60; Mat. 12:8; Eks. 20:11; Dan. 10:5, 6; IsiTy. 1:20; IsiTy. 2:1–7.

Indima Yenkumbulo:
"Lowo weyisayo, ndiya kumvumela ukuba ahlale nam etroneni yam, njengokuba nam ndeyisayo, ndaza ndahlala phantsi noBawo etroneni yakhe" (IsiTyhilelo 3:21).

Indumiso 73 ichaza ukothuka komdumisi xa ekhangele ikratshi nokuqhayisa kwabangamhloneliyo uThixo. Baphila benobutyebi nokonwaba, xa kuthelekiswa nokubulaleka kwamalungisa. Oku kungabikho kobulungiswa kwamkhathaza umdumisi (Nd. 73:2—16), owathi ekudidekeni kwakhe, waya engcweleni, (Nd. 73:16, 17). Apho, phambi kukaThixo, wazuza ukuwuqonda ngokunzulu umcimbi. Sekuziinkulungwane kamva, umpostile owayekhulile wazifumana ekwintolongo yesiqithi samawa ngenxa yobungqina bakhe obuthembekileyo. Ekuxinzelekeni kwakhe, wafumana iindaba zokuba amabandla aphantsi kogcino lwakhe ayephatheke kakubi. Kanti ke, ngelo xesha libi, waba namava ombono apho wabona uKristu owavukayo ekwingcwele yasezulwini. Apha, njengomdumisi, iNkosi yamtyhilela uYohane iimfihlakalo zobu bomi namadabi abuzisayo. Lo mboniso wengcwele wamnika ingqinisekiso yobukho nenkathalo kaKristu—ingqiniseko ekwakufuneka eyidlulisele kula mabandla nakwizizukulwana ezilandelayo zamaKristu kuzo zonke iinkulungwane kude kuba sekupheleni kwambali yehabathi.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaJanuwari 12.*

EPatimo

Funda: IsiTyhilelo 1:9. UYohane umtyhilelwa usixelela ntoni ngeemeko awayifumana phantsi kwazo imibono yesiTyhilelo?

IPatimo yayiyindawo engumqwebedu, isisiqithi esinamawa, kulwandle iAegean; yayiziimayile ezili-10 ubude nobubanzi obuziimayile ezintandathu kweyona ndawo ibanzi. AmaRoma ayeyisebenzisa, yona nezinye iziqithi eziyingqongileyo, njengekoloni yokohlwaya nokugxothela khona aboni kwezombuso. Ababhali bamaKristu bokuqala ababephila kufuphi kwixesha lokubhalwa kwencwadi yesiTyhilelo, bathetha ngamxhelo mnye, ukuthi, amagunya amaRoma ayemgxothele ePatimo uYohane ngenxa yokunyaniseka kwakhe kwigospile. Eli gqala lompostile, ePatimo, lanyamezela zonke iimzima zokohlwaywa yiRoma. Kubonakala ngathi waphathwa njengowaphula umthetho, eqanyangelwe ngamatyathanga, ecuntswa ukutya, enyanzelwa ukuba asebenze nzima phantsi kokufakwa isabhokhwe ngabalindi bamaRoma angenanceba. "IPatimo, isiqithi esingumqwebedu nesinamawa kulwandle iAegean, sakhethwa ngurhulumente waseRoma njengendawo yokulahlela abaphuli bomthetho; kodwa kumkhonzi kaThixo, le ndawo "ilikhaya" losizi, yaba lisango lezulu. Kule ndawo, ingekhoyo kwimibono exakekileyo yobomi, nasekusebenzeni nzima kweminyaka yangaphambili, waba kubudlelwane bukaThixo noKristu kunye nezithunywa zezulu, waza kubo wamkela imfundiso yebandla yalo lonke ixesha elizayo."—Ellen G. White, *IZenzo Zabapostile,* amaph. 570, 571.

Ngoobani abanye eBhayibhileni abanyamezela ubunzima, mhlawumbi ngenxa yokunyaniseka kwabo kuThixo? Bona u Dan. 3:16–23, IZenzo 7:54–60.

Abalandeli bakaKristu akufuneki balibale ukuba, ngalo lonke ixesha bezifumana kwimeko efana nekaYohane, abashiywe bebodwa. KwaYena lo Yesu, oweza kuYohane namazwi ethemba nenkuthazo phakathi kobunzima awaye kubo ePatimo, usekho kubantu baKhe ukuba abathwale abaxhase kwiimeko zabo ezinzima.

Singawuqonda njani umahluko phakathi kokuphatheka kakubi ngenxa kaKristu nokuphatheka kakubi ngenxa yezinye izizathu, eziquka ukukhetha kwethu ngendlela engalunganga" Okanye, kunjani ukuphatheka kakubi, xa kukhangelwe, ngenxa yezizathu ezingalunganga? Singakufunda njani ukuthembela kuThixo kuzo zonke iimeko?

Ngemini YeNkosi

Funda: IsiTyhilelo 1:10 kunye noEksodus 31:13, Isaya 58:13, noMateyu 12:8. Ngokwezi ndima, yeyiphi imini eBhayibhileni ebekwe ngokucacileyo ukuba yeyeNkosi? Inokuba yayinentsingiselo engakanani le mini kuYohane phakathi kweenzima awayekuzo?

"KwakungeSabatha mhla iNkosi yozuko yavela kumpostile owagxothwayo. ISabatha yagcinwa ngcwele nguYohane ePatimo kwanjengokuba wayesenza xa wayeshumayeza abantu kwiidolophu nezixeko zaseJudeya. Wawabanga njengawakhe amadinga awayenikwe ngokubhekisele kuloo mini."—Ellen G. White, *IZenzo Zabapostile*, p. 581. Indima ikubeka ngokucacileyo ukuba umpostile uYohane wawufumana umbono ngeSabatha yemini yesixhenxe. Nangona wayekhangele phambili kwiziganeko ezizayo, nasekubuyeni kwesibini kukaKristu (thelekisa nosiTy. 1:7), nayo eyaziwa ngokuba "yimini yeNkosi" (Isa. 13:6–13; 2 Pet. 3:10), uYohane wayethetha ngexesha yena ngokwakhe awaba nombono wezi ziganeko zexesha elizayo, nokuba oko kwakungeSabatha, "imini yeNkosi." Akuthandabuzeki ukuba, phakathi kokuphatheka kakubi, le Sabatha ezaliswe ngumbono inokuba kuye yaba kukungcamla ubomi obungenako ukuphatheka kakubi, yena nabathembekileyo bazo zonke izizukulwana, abaya kuzixhamla emva kokuBuya kwesiBini. Ngokwenene, ngokokucinga kwesiYuda, iSabatha ibonwa njengomngcamlo we-olam haba, "ilizwe elizayo."

"ISabatha, uThixo awayimiselayo e-Eden, yayixabisekile kuYohane ekweso siqithi simi sodwa. . . . "Ubumnandi obabunjalo beSabatha kumgxothwa oyedwa, neyayisoloko ixabisekile emehlweni kaKristu, kodwa ngoku ingaphaya kokuphakanyiswa! Akazanga wakha wayiva inyaniso ephakanyiswe ngolo hlobo."—Ellen G. White Comments, *The SDA Bible Commentary,* vol. 7, p. 955.

Thelekisa imibhalo emibini yomthetho wesine kweliShumi kuEksodus 20:11 noDuteronomi 5:15. Ezi ndima zalatha kumhla wesixhenxe njengesikhumbuzo sendalo nokuhlangulwa, zisikhumbuza ukuba uThixo wasenza wasihlangula. Singenza njani, ukuba zonke iiSabatha, sihlale sikubeke phambi kwethu kokubini ukuqiniseka kobukho bukaThixo njengoMdali wethu noMhlanguli wethu? Cinga nangale into: Bekungasinceda ngantoni ukuba uThixo abe nguMdali wethu xa ebengayi kuba kwanguMhlanguli wethu?

Ukuqubisana NoKristu EPatimo

Funda: IsiTyhilelo 1:12–18. Thelekisa umzobo kaKristu nguYohane nomntu ongcwele okuDaniyeli 10:5, 6. Ubonakala enjani uYesu kulo mbono? Wenza ntoni?

UYohane umbona uYesu enxibe ingubo yobubingeleli ehamba-hamba phakathi kweziphatho zezibane. Umbono ubonisa itempile kaSirayeli yakudala eyayikhanyiswa ngokukhanya okunikwa iziphatho zezibane (bona 1 Kumkani 7:49). Umfanekiso kaYesu ehamba phakathi kweziphatho zezibane walatha kwisithembiso sikaThixo kuSirayeli wakudala wokuba wayeza kuhamba phakathi kwabo enguThixo wabo (Lev. 26:12). KwisiTyhilelo, iziphato zezibane zimele amabandla asixhenxe aseAsiya ekwathunyelwa kuwo kuqala okubhalwe kwisiTyhilelo (IsiTy. 1:20). Kumfuziselo wokuhamba phakathi kweziphatho zezibane, uYesu uzalisekisa isithembiso somnqophiso owanikwa uSirayeli: uya kuhlala enabantu baKhe ade abazise kwikhaya labo laphakade.

Ngapha koko, umfanekiso kaYesu engumbingeleli phakathi kweziphatho zezibane, uthatyathwe kwinkonzo yetempile yaseYerusalem. Umsebenzi wemihla ngemihla owabelwe umbingeleli wawukukugcina izibane ezisendaweni engcwele zivutha ngokukhanya okukhulu. Wayeza kuzilungisa azizalise ezo zicimayo, afake imitya emitsha, kwezo zicimileyo, azizalise ngeoli entsha, aphende azikhanyise. Ngaloo ndlela, umbingeleli wayeqhelana nemeko yesibane ngasinye. Ngokunjalo, uYesu uqhelene nezidingo neemeko, kungekuko kuphela ezala mabandla kodwa ezawo ewonke.

Funda: IsiTyhilelo 2:2, 9, 13, 19; 3:1, 8, 15. Intetho ethi, "Ndiyazi" ithini ngokuqhelana kukaYesu neemeko nezidingo zabantu bakaThixo kuloo mabandla?

UYesu wazazisa ngezihlonipho zikaThixo ezithi, "owokuqala . . . nowokugqibela (bona Isa. 44:6, 48:12). Igama lesiGrike elithetha "ukugqibela" ngueschatos, ekusuka kulo igama ueschatology ("ixesha lokuphela"). Oku kubonisa ukuba ukuqwalasela kukaeschatology (ixesha lokuphela) kukuYesu Kristu, onelizwi lokugqibela kwiziganeko zokugqibela. "[U] ngophilileyo" one"zitshixo zelabafileyo nezokufa" (IsiTy. 1:18). Izitshixo zimngumfuziselo wamandla negunya. Abalandeli baKhe abathembekileyo abadingi koyika, kuba nabafileyo baphantsi kwenkathalelo yaKhe. Ukuba ke oko kunjalo ngabafileyo, kubekephi ukuba ngaphezulu ngabaphililileyo? Bona uMat. 22:32.

Izigidimi ZikaKristu Zelo Xesha Nangoku

Funda: IsiTyhilelo 1:11, 19, 20. UYesu wamnika uYohane izigidimi ezimi zodwa eziya kumabandla asixhenxe aseAsiya. Into yokuba ayengaphezu kwesixhenxe amabandla kula mmandla, ithetha ntoni ngokubaluleka komfuziselo wezi zigidimi kumaKristu jikelele?

Izigidimi uYesu awathi uYohane makazithumele kumabandla asixhenxe abhalwe kwisiTyhilelo 2 nesesi-3. Ezikuthethayo sisebenza kumanqwanqwa amathathu:

Ukusebenza kwimbali. Ezo zigidimi, ekuqaleni zazithunyelwe kumabandla asixhenxe akwizixeko eziphumeleleyo zakwiAsiya yenkulungwane yokuqala. AmaKristu ayejongene nemingeni emibi. Izixeko eziliqela zamisela unqulo lukakumkani ezitempileni zazo njengophawu lokunyaniseka kwazo kwiRoma. Unqulo lokumkani lwaya lwanyanzeliswa. Abemi babelindeleke ukuba bathabathe inxaxheba kwiziganeko zikawonke-wonke, nakwiinkonzo zenkolo yobuhedeni. Ngenxa yokwala kwamaKristu amaninzi ukuba nenxaxheba kwezi zenzo, ajongana nokutshutshiswa, nangamaxesha okufelukholo. Eyalelwe nguKristu, uYohane wabhala izigidimi ezisixhenxe, ukuze awancede ngale mingeni.

Ukusebenza kwisiprofeto. Inyaniso yokuba IsiTyhilelo siyincwadi yesiprofeto, kodwa asixhenxe kuphela amabandla awanyulwayo ukuba afumane ezi zigidimi, yalatha nakwindlela yobuprofeto bezigidimi. Iimeko zasemoyeni kumabandla asixhenxe zingqubana neemeko zomoya zebandla likaThixo kumaxesha awahlukeneyo embali. Izigidimi ezisixhenxe zijonge ukunika, ngokwecala lasezulwini, ukuhamba kombono wemeko yasemoyeni yobuKristu kususela kwinkulunkwane yokuqala kuse ekupheleni.

Ukusebenza Kwindalo Yonke. Nangona ekuqaleni zathunyelwa kumabandla asixhenxe aseAsiya, izigidimi ezisixhenxe zikwaqulathe izifundo ezibhekisa kumaKristu azo zonke izizukulwana. Zazithunyelwe zizonke njengeleta enye, ekwakufuneka ifundiwe kuwo onke amabandla (IsiTy. 1:11). Ngale ndlela, zimele iintlobo ezahlukeneyo zamaKristu kwiindawo ezahlukeneyo ngamaxesha awahlukeneyo. Umzekelo, lo gama uphawu lobuKristu jikelele namhlanje lulolweLawodike, amanye amaKristu anokubonakalalisa iimpawu zelinye ibandla. Iindaba ezilungileyo zezokuba, nokuba injani imeko yethu yasemoyeni, uThixo "uhlangana noluntu oluwileyo kuloo ndawo lukuyo."—Ellen G. White, *Selected Messages,* book 1, p. 22.

Yiba nomfanekiso-ngqondweni weNkosi ibhalela ibandla lakho ekuhlaleni ngemingeni elijongene nayo njengoko yenjenjalo kumabandla asixhenxe, kwanangemeko yalo yasemoyeni. Ingathini ileta leyo?

Isigidimi Esiya Kwibandla Lase-Efese

IEfese yayisisixeko esiyintloko nesona sikhulu kummandla weRoma yaseAsiya, eyayikwiindlela ezinkulu zoshishino. Njengesona sixeko sikhulu elwagcibeni lweAsiya, sasibaluleke kakhulu ngeziko lorhwebo nenkolo. Isixeko sasizaliswe zizakhiwo zikawonke-wonke njengeetempile, indawo zemiboniso, ezokuzilolonga, ezokuhlamba, nezombulo. Sasikwaziwa ngokwenza imilingo nobuchule. Isixeko sasikwaziwa ngokuziphatha kakubi nangeenkolo. Kanti ke, elona bandla lobuKristu lalinempembelelo kuloo mmandla lalise-Efese.

Funda: IsiTyhilelo 2:1–4 kunye noYeremiya 2:2. UYesu uziveza njani kweli bandla? Zeziphi izakhono ezikhulu uYesu alincoma ngazo eli bandla? Yintoni, phofu, athi uYesu iyamkhathaza?

Kwimihla yangaphambili, iEfese yayisaziwa ngokunyaniseka nothando (Efese 1:15). Nangona ayenoxinzelelo ngaphandle nangaphakathi kwebandla, amaKristu ase-Efese ahlala eqimile enyanisekile. Ayesebenza nzima evuthiwe nangasemfundisweni; ngokwenene, ayengakwazi ukuzinyamezela iititshala zobuxoki phakathi kwawo. Sekunjalo, athi ngeli xesha amalungu ebethelela imfundiso ephilileyo nokuziphatha ngokomthetho, uthando lwawo ngakuKristu nakubazalwana bawo lwaqala ukuthotha. Nangona abantu babeqinile benyanisekile, yathi yakungabikho imisebenzi yothando kubo, baqala ukubanda nokuba ngqongqo emthethweni.

Funda: IsiTyhilelo 2:5–7. Ziintoni ezintathu azikhuthazayo uYesu ukuba ibandla lizenze ukuze livuselele uthando lwalo lwakuqala nokuzinikela kuKristu nakwamanye amakholwa kunye nawo? Zayamene njani ezi zinto zintathu ngokulandelelana kwazo?

Ngokwesiprofeto, imeko yebandla lase-Efese ihambelana nemeko jikelele nemeko yasemoyeni yebandla kwinkulungwane yokuqala. Ibandla lokuqala lalinophawu lothando nokunyaniseka kwiindaba ezilungileyo. Yathi iphela inkulungwane yokuqala, labe ibandla liqalile ukulahlekwa ngumlilo wothando lwalo lokuqala, ngoko ke, lisimka kubulula nobunyulu beendaba ezilungileyo.

Yiba nombono wakho uyinxalenye yesikhungu esiluthando lwaso luphelayo. Amalungu asenokuba awenzi isono esaziwayo okanye esiphandle. Komnye umgangatho, asenokuba enza okulungileyo; kanti ke, abethwa sisiqhelo nokubanda. Icebiso likaKristu apha lingalikhulula njani ibandla kule meko?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda uEllen G. White, "IPatimo," amaph. 568–577, *kwi-IZenzo Zabapostile*. "Intshutshiso kaYohane yaba yindlela yobabalo. IPatimo yenziwa yazala bubuqaqawuli boMsindisi ovukileyo. UYohane wayebonile uKristu ekwimo yenyama, enamanxeba ezikhonkwane, aza kuhlala ekukuzukiswa kwaKhe, ezandleni nasezinyaweni. Ngoku, wavunyelwa ukuba abone iNkosi yakhe evukileyo, yambethe ubuqaqawuli obulingene ukuba bungabonwa ngumntu, aze aphile. "Ukubonakala kukaKristu kuYohane kufuneka kubo bonke, abakholwayo nabangakholwayo, bube bubungqina bokuba sinoKristu ovukileyo. Kumele ukulinika ibandla amandla aphilileyo. Ngamanye amaxesha amafu amnyama ayabagubungela abantu bakaThixo. Kubonakala ngokungathi ingcinezelo nentshutshiso ziza kubatshabalalisa. Kuthi kodwa ngamaxesha anjalo, kunikwe ezona zifundo zinemfundiso enkulu. UKristu uye akholise ukungena ezintolongweni, aziveze kwabaKhe abanyuliweyo. Usemlilweni nabo ekutshisweni. Njengoko iinkwenkwezi zikhanya kobona busuku bumnyama, ngokunjalo eyona mitha ibengezelayo yobuqaqawuli bukaThixo ibonakalaliswa kobona bumnyama bungqingqwa. Okona siba mnyama ngakumbi isibhakabhaka, okona ikhanya ibe nomtsalane imitha yeLanga loBulungisa, uMsindisi ovukileyo."—Ellen G. White, *The Youth's Instructor,* April 5, 1900.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. UYohane umtyhilelwa ubalisela abafundi oko wakubonayo wakuva ePatimo. Xa ufunda IsiTyhilelo 1:12–20, yintoni oyibonayo, uyive? Ngamazwi entuthuzelo athini onokuwathabatha koku kutyhilwe apha?

2. Ingelosi yokuqala kwisiTyhilelo 14:7 ikhuthaza abemi bomhlaba ngexesha lesiphelo ukuba "[ba]mnqule lowo wenza izulu, nomhlaba, nolwandle, nemithombo yamanzi." Yintetho le ethatyathwe kuEksodus 20:11. Kusixexela ntoni thina oku ngokubaluleka kweSabatha ekupheleni kwexesha, njengoko kutyhiliwe kwisiTyhilelo?

3. Kukho impoxo engaqhelekanga ajongene nayo amaKristu amaninzi. Okona ehlala ixesha elide enkonzweni, okona kubalula kakhulu ukuba ukholo lwawo luphele okanye lufe. Phofu, bekumele ukuba kwenzeka ngolunye uhlobo. Bekumele ukuba, okona sihamba ixesha elide noYesu, okona besimele ukufunda ngaphezulu ngaYe nangokusithanda kwaKhe. Singawugcina njani, ke ngoko, umlilo wokholo lwethu, unganeli kuvutha, kodwa uvutha ngokukhanya okuya kukhanya ngaphezulu, njengoku kumele ukwenza?